

Imvo Zabantsundu

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and Territories

IXABISO 3d.]

KING WILLIAM'S TOWN,

NGOLWESI-TATU, FEBRUARY 2, 1887

[No. 117.]

QONDISISAN!

Ngexesha lokutengiswa ko

BOYA.

Ikeleko

Ne Printi

Keminqwazi Yamadoda

Iswekile

Ne Kofu

No Mgubo

Zitengiswa ngama xabiso
apantsi kakulu.

Kutengwa yonke
into no Boya.

KWA

W.O. CARTER. Co.

Kwi Bala lika Makeleni,

E-QONCE.

ISISULU.

KWA BEET.

IMPAHLA ihleli yodwa ngase
ntolongwe-
ni endala. Ingcawa, ilokwe, ibhulukwe,
amashashi, inkomo. Yonke into ovifunayo
Isisulu! Isisulu! e Qonce ukangele

M. KEEVY & CO.,

KWA NGOMTI,

E-Bhulorweni nase Durban Street.

Ngoku bazilungiselele ukurola awona ma-
xabiso makulu

Ngoboya, Nezikumba, Zenkomo,
Nezebhekwe, Nezegusha.

Kanjako barola awona maxabiso apezulu
ngokutya nezinye izinto ezitengisayo. Kule-
dolopu yeyona ndlu ine Ngcawa Nengubo
zokunxiba ezitshipu nayo yonke into.

HARTIGAN & CASEY.

Abatengisi bempahla ngempahla.

BAHLALA batengisa impahla ebambayo
kanye ngenyanga e Mtonjeni nase
Balini. Yonke imiso emva kwe malike ba-
tengisa impahla ebambayo nokuba yekaba-
nina. Ubani uyinikwa emva komsito imali.
E Oonce, 20 July, 1886.

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo
noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-
Town Hall, Kwisitona esinga pantsi esesitatu,
No. 3, Kwinkundla ye marike, E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma-
zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo
njalo, ayitengisa tshipu.
Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento
ezinjengokutya.

Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma.
calana onke e-Koloni.

Unombona omhle kunene ovela pesheya kwe
Nciba awutengisa tshipu kanye.

W. J. DEALY

UTENGA Umbona, na Ma-
zimba. Nokuba ku-
ninzi ngalupina uhlobo okoku-
tya uya kuku rolela ixabiso
elipezulu kanye lase Markeni,
e-Oonce.

KWA G. WHITAKER, kwi-

venkile etengela nentwana

ezincinane kuko, kutengelwa tshipu

kanye Umbona, nento ezinjalo,

Umgubo, neswekile njalo-njalo, njalo-

njalo.

Kuwo Wonke Umzi Ontsundu

Xa Sukuba nityelela e QONCE, pambi kokuba nitengele Impahla

Yitini Gxada kwisitona se Ngubo, njalo, njalo, so

DYER and DYER

Nizanelise kwimpahla yabo enyulwe ngenyameko,—apo ontsundu
alungiselelewe ngocoselelo.

Yonke Impahla ibhalwe amaxabiso okugqibela ebupantsini.

YIZANI KUZIBONELA NGOKWENI.

JOHN J. IRVINE & CO, ISITORA ESITSHA,

Sengubo nobu Qeleqele beza Mankazana, E-QONCE.

Ezamadoda Ihempe, 1/-1/3, 1/6

Ibhulukwe ze Kodi, 5/-

Eze Twidi ibhulukwe, 4/-

Ibhatyi ze Twidi (iqukunjelwe yonke) 6/6

Eze Twidi i Suti, 16/9

Ikeleko, 2.5d.

I Printi (intlobo ezintsha) 3d.

I Linzi, 3.5d.

Ityali ezimnyama, 2/-

Alikazanga libeko elinjengeli icam.

THOS. H. COPELAND,

BATHURST STREET,

E RINI.

Uhlala aba neyona mpahla ininzi enjenge

NGUBO ZENTLOBO ZONKE

AMAFELANE

NE NGCAWA

Engagqitwa nayiyipina apa e Koloni ngobuhle.

Yena utengisa ngenani eli linganayo ko Ntsundu nako mhlope.

IMPAHLA ENTSHISA.

KUSAND' UKUFIKA KWA

PASCOE

ITYALI ZETU ZOBOYA, zitsala igazi.
ITYALI ZETU EZILUFIPA, zipandla ilanga. INGUBO ZOMTSHATO
EZENZIWE kakuhle.

Kwa nentyantambo nezigqubutelo ngamaxabiso apantsi kanye.
INGUBO ZOKUTSHATA ZEKABA ZIYASIKWA ZI- TUNGWE.
IKELEKO, ILINZI, IPRINTI. INTLOBONTLOBO ZE- LOKWE
ZIKWAKO.

BANTU ABANTSUNDU

Lempahla iyakwenza intliziyo zenu zibete. Yizani kutyebisa amehlo

Paulani amagama ka PASCOE

AMADODA ati ngu SIGINGQI. ABAFAZI bati
ngu SILINDI. UMTEKETISO ngu FOLOCOKO.

CHARLES J. STIRK,

Umtengisi we Mpahla eyi Ntsimbi ayi-
tengisa ingumqulu na nganye,

CHURCH SQUARE

E-RINI.

UNGA UNGAGCINA IMALI NA?

Ukuba kunjalo zitenge ingubo zako kwa

63, BATHURST STREET,

E RINI.

ISUTI ziqala kwi 18/6. Ibhulukwe ziqala
kwi 5/6; Ibhathyi kwi 7/6; Ihempe kwi
1/., njalo njalo, kuzo zonke izinto zalendlu.
U BROOKS utengisa ngezona suti zobu
jentilmane ezomeleleyo, ezenziwe ngomyalelo
ngabasiki base London. Qiniseka ukuba ziyaku
kuhlala—ziqala kwi 40/ ; Ibhulukwe 12/6.
Amakulukulu entlobo ngentlobo onga- nyula
kuzo.

Xa umntu aye kusika ushiya 10/- angati
ayifumane kwakona ukuba ingubo azimkoli-
sanga.

W. BROOKS & CO.,

Abatengisi bengubo zokunxiba,

E RINI

Indlu Yamayeza.

ogama lise zantsi unqwenela ukwazisa

Labantu banga pesheya kwe Nciba ukuba ngoku uli Gosa lo B. G. LENNON & CO. (abona bangenisi mayeza bayi ntloko eKoloni) unokuba tengisela amayeza ngama xabiso ase Dolopini. Nelinjanina nalipina iyeza liko, okanye linoku fumaneka ngexesha elifutshane. Kanilinge umxube ka B G. L. we Fiva (cena) ongekoyiswa. Imali inqabile ke kungabanjiswa nge gusha ne bokwe nenye impahla ilinganiselwe ixabiso layo. Elona gosa likulu e Transkei, ngu

P. HPOTTER.

KWIZIHLORO ZAM EZINTSUNDU.

J. E. L. KULLING,
ONYANGA NGEMITI YASE KOLONI
NEW STREET, E-RINI.

UMISELWE ngoku kodwa uku Nyanga ngemifuno yeli lizwe zonke izifo ezi yelee kwi Hashi Elingwevu kumadoda naku mankazana nokuba umntu usulelwe nokuba site kanti sise gazini; nokuba umntu sele likakablo uyapila. Ngokukodwa i Gazi nofele—Xa umntu ebehlwe lihase elingwevu nokuba esinye isifo. Oka Kulling umpilisi wenene wezifo zonke ziba se Lufeleni, ibotile elula 5/-, enkulu 10/ Oka Kulling umncedi onyaniso wesisu se gazi, ibotile elula 3/-, enkulu 6/- Oka Kulling umncedi onyaniso wezi fana zama nkazana, akuko yeza ligqita eli linge botile ezihamba kwi 4/-, 7/6, 11/-, ne 22/.

Oka Kulling Amafuta Omti, umncedi omkulu onokutenjwa kwi ntlobo zonke zezi londa nama dyungundungu—linge mbizana 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/; inye. Oka Kulling amaqana oku hlambuluh igazi, eku ngeko nto ingapezu kwawo, ange bokisana, 2/-, 5/-, 11/-, ne 22/.

La Mayeza emifuno ezifo zonke enziwa ngemiti nange ngcambu ezimbiwa apa e Koloni ezi hileli zigcinwe.

Ukuba wena nokuba ngumhlobo wako ofayo pambi kokuba ubhalele mhlambi uye kwenye indawo BHALELA ku J. E. L. KULLING woku tumela elona yeza likulungeleyo ngemali encinane.

Mr. J. A. BRIDGE,
Igqira Lamazinyo,
No. 1, DOWNING STREET,
E QONCE.

Isikolo Sabafundisi, ne
somsbenzi
ST. MATTHEW'S, KEISKAMA HOEK.

KUKO indawo yamakwenkwe antsundu kumashishini oku Khanda Ibhekile, noku Khanda Intsimbi—nokwenza Inqwelo, noku Cwela, kwesi BRIDGE.
Bhalelani ku
REV. CHAS. TABERER.

ISIKOLO SASE MTWAKU.

KUKWAKO indawo yentsapo efundayo kwindlu yododana.—Isikolo siyakuvulwa kwakona ngo 24 January 1887.
CHAS TABERER.

NDIBELWE.

NDIBELWE ngomhla ka December odluleyo apa ku Tsolo ihashe elibomvu, liminyaka mine liyi "Hantom," linomtshiso ong J.U, itshoba linqunyulwe, nomda esinqeni ngase kohlo, nokulunywa ngamanye. Ondilandisileyo ndomvuza ngokufanekileyo.
J. KUZANE.

NDIBELWE!

IMAZI ebomvukazi; iminyaka yalo mihlana; linekolo ebunzi ete incam apenzulu yekolo leyo yanokutyeka yatyekela kwicala lase kunene. Linentsumpa entanyeni kwicala langasekunene, kwanenye esilveni. Itshoba alilide kakulu pofu alinqnyulwe. Alilide noko. Ndipeni amehlo mzi wakowetu.

KLAAS LOTSHA,
c/o DYER & DYER, King William's Town.
14 January, 1887.

NDIBELWE.

IHASHEKAZI elibomvukazi, amanqina asemva amhlopo; linekolwana encinane; litiwe cipu-oipnkwindlebe zombini. Itshoba alilide. Linamabalana emva kwendlebe zombini enziwe ngabom; liyaqala ukumita, ngu. mlazakazi omde olingana nenkabi. Lilahlako e Rabula ku
JOHANNES CWEBE.
Ezanyokwe
c/o Mr. J. MURRAY
Debe Nek.

Obelweyo Amahashe.

NDIBELWE amahashe amabini apa ngobusuku becala 16th January, 1887, Imazi efosikazi, emanqina amhlopo la asenkunene omabini, elasemva ne la pambile. Elasesmva ekohlo limhlopo kuhle ezantsi. Linesilonda emagxeni, esinye emhlana. ELINYE:—Yimazi emfusakazi ende, iti xa ipalayo iwapakamise amanqina ungati lelo mlungu xa ulibona likude. Umntu ote wandazisa wonikwa umvuzo ofanelekileyo. Wotumela ku Mr. JABAVU, mhlambi ku Rev. W. B. RUBUSANA apa.
THOMAS PAKO.
Peelton, Jan 20, 1887.

Isitora sase Komani

Kofuna izivato ne

NGUBO ZOKUNXIBA

Ezilungileyo zisi sulu,
kwa

CHUCLEIGH,

Ukangelene ne Town Hall,

Uhlala aba nento eninzi etengwa ngama

XABISO APANTSI KANYE YE

Keleko, Iprinti, Ityali,

I lokwe esezi tungiwe
Iminqwazi ehonjiswiweyo
Iqiya ezilushica
Imibhalo, njalo, njalo
KWEZA

Madoda ingubo
Zi suti Zamadoda
Ne Bhatyi ne Ndulubhatyi
Ne Bhulukwe
Ihempe
Ne Kilisbanti
Iminqwazi ye Tweed neyo Fele
Ibhulukwe zokukwela, Ileginisi
njalo, njalo.

I suti nengubo ezinganye ezi ncinane zama kwenkwana nezolutha.

Yeyona ndlu isisulu empahleni yoku homba neyoku nxiba apa

E KOMANI

Abalimi base Ngcobo.

INTLANGANISO yomanyano lwa Balimi base Ngcobo yu dibana Ngolwesi-Tatu, February 9. Ngexesha le 10 kusasa; Engcobo, onke amalungu ayacelwa, nanga anga ngena makapaula lowo mhla ukuba abeko ngawo.

P. DANISO TSHACILA,
Secretary.
All Saints, 24 January 1887.

KUMA-SINYAHLA.

UMNINAWA ka SINYAHLA owala. hleka ukucitika kwesizwe ndimvile apo akona. Ndifuna ama-Sinyahla nama-Sinyahlakazi ayazi lonto.

Ndim
HENDRICK SINYAHLA.
Vryburg, Betsuanaland.

Ofun' Onina-Lume.

KUQALA U JOHN, or FONDINI, or BOY, or BUSH, or GAMEDE.—Izotsho, umfo ontsundu onobomi u kwi 56 ubadala; wagqityelwa e Bhayi ngo 1866. OMNYE ngu DANIEL umninawe wake. Untsundu ngoku kanyayo wayengati uze-tswi ngoko. Ubudala 50. Wagqityelwa nge 1855. Ngase Bholani. Ondilandisayo makatumele ku mhleli we Mvo. JOHN J. MLANDU. Nkxotshane, Mount Fletcher,
East Griqualand.

IZAZISO ZOMNINI PEPA.

ABATABATI be "Mvo" bachelwa ukuba bagqalisise ezindawo:—

I. Xa umntu ayirola kwasentloko makayi-tumele ngokwake imali kule ofisi, ukuze akulezelwe ngerisiti zamaxabiso amancinane.

II. Makade abe ubani akakwazi ukuyitumela ngokwake imali etunyelwa kuqala ukuze ayise Egoseni.

III. B.—Lento ibangwa zincwadi ezininzi eziman' ukufika zikalazela ukuba kutenina ukuba babizwe ababhali imali engamatole pofu bebehlaule kwasentloko nje.

IV. Zonke irisiti ziyakupuma ngama Gosa kwindawo ezinawo ukuze kungapitizeli.

V. Ayabongozwa ama Gosa ukuba anga. bapnmzi abantu abanezikweliti ze kwata, kuba iyaboyisa yakuba nkulu.

VI. Amagosa acelwa ukuba akangele indawo yokuba ayitumele kwa esayifumana imali yabantu, kuba ingasebenzeli pepa ngokuhlala kuwo.

VII. Wonke otabata "Imvo" makabe ligosa lokungenisa amagama amatsha, lizokwanda inani zekwandiswe nepepa ngazo zonke indlela.

Iveki.

SESIPAKATI kwe kwata entsha. Mayifike kwangoku imali yokumisa imvaba yomzi. Kutshiwo kumntu ngamnye owamkela "Imvo."

KUVAKALA ukuba i Jaji eya kujikeleza ihamba igweba amatyala kulenyanga izayo ngu Sir J. D. Barry.

ABANTU abamnyama abatengisa nge nku-ni e markeni bakala ngokuti baya dliwa, eza Belungu zirolelwa imali eninzi. Siyile e markeni safumana ezabe Lungu zizinkuni ngene nflara zizalisekile, ezento zaku wetu zindlu zonomyayiyi amawokowoko ezikulayishwa kuyi nkohliso, oti xa umi ngelinye icala ulibone izulu ngapaya. Nizibulala ngokwenu.

ELUVIWEI luka Rulumente lwase Natal kungene wamnye umntu onmyana u Mr. Cleopas Kunene owafunda e Nxukwebe. Upumelele pezulu kakulu. Nge Grammar ube yintloko, wawanyatela onk' ama Ngesana ase Natal.

U MR. MCLEOD wase Rini umise umashini wokuluka ingubo.

I PALAMENTE yama Spanish iti umkosi woku khusela elozwe elwandle mawandiswe uqiniswe;

E KATIKATI kuko isifana esibana esisulela kunene ebantwaneni;

INXUKWEBE iyanconywa ukudlala ibhola ngama Ngesi ase Bhofolo. Azi ingako na lonto ke ladibana ne Qonce.

ZIYAWA bangisana izilumnko zasema Ngesi-ni ngalomga ububonakala esibhakabhakeni Siti esinye uqale wabonwa siso maubizwe ngaso, esinye siti siso esiqale saubona ume- lwe kunikwa igama laso

ITYALA lika Mr. F. H. Bromfield osand' ukuba imali ka Rulumente e Monti ligwe- tywe ngu Gwebecimile wamnika umnyaka entolongweni esebenza nzima; ute ngeba umohlwaya ngapezulu uvela umfazi nosatshana lwake abelondla

IPEPA lama Bhulu lase Kapa i *Zuid Afri. kaan*, liti.—De Heer Van Zijl, M.L.A., voor Wodhouse, heeft volgens de *Barkly East Reporter* zijn mandaat neergelegd, en er zal dus te Wodehouse een nieuwe verkiezing moeten plaats vinden. Wat zijn redenen is niet bekend Hij sprak weinig maar stemde gewoonlijk aan den regten kant, en behalve het fraaie individu Richard Kawa hebben wij nooit van iemand gehoord die tegen hem had.

NGOKUFUTSHANE lenteto ingasentla ixela ukupuma kuka Mr. Van Zyl e Palamente, epuma kungavakali sizatu. E Palamente ube ngusikulumi, ngokuvota ubewanelisa ama Bhulu; elizweni apa umntu mnye qa omchasilayo lityendyana elingu Richard Kawa. Itsho i *Zuid Afrikaan*.

ELANAMHLA ipepa lase Dodoloro lifika lisiti laposisa ukuti uyapuma e Palamente u Mr. Van Zyl, lonto uti akayingcini, uhleli yena.

U COLONEL CARRINGTON wenziwe umpati omiselekileyo wemikosi ka Rulumente we Nkosazana kwelama Betswana, esamnkela iwaka leponti (£1,000) ngonyaka.

U REV. J. S. MORRIS wase Cumgce esinosizi ukuti ulele ekoyini yokufa ngoku, ngomnye wabafundisi abambalwa kakulu kuma Wesile abanesipo sokuti kwindawo akuyo ake Indlu efanelekileyo yokubhedshela. Ngamana abuye apakame ancede izizwe ezintsundu ngetalente yake.

U BISHOP WEBB utyibilike waruneka ixwele e Qora ngo.Mgqibelo ongapaya kogqitileyo. Ubenokuzo kufika e Rini nakuba waye tutunjelwa kakulu.

INKULU yemantyi ezipetwe e Kokstad u Ndabeni (Mr. W. E. Stanford) ubhalite umfundisi u Hagile (Rev. J. Hargreaves) incwadi yokumbulela ngoncedo alwenzileyo ngexesha lomngcipeko wemfazwe nama Mpondo.

U SIR JOHN POPE HENNESSY osand' ukukutshwa ebu Rulunelini base Mauritius uya e Ngilane kumangalela ukuba udlelwe indlala yi Ruluneli yase Kapa eyayitunywe yi Nkosazana ukuba iye kugweba ingxabano eyayipakati kwaleyo Ruluneli no Mr. Clifford Lloyd i Ruluneli engapantsi.

IMIGQALISELO yokupata izikolo yabonakala kwipepa leveki egqitileyo. Izibonda nabafundisi mazizigcine ngayo ititshala. Ne Titshala mabizenge baukpe zonke ikwata umvuzo orolwa ngabantu, bangakhutaleli nto nye.

ENYE yezi nqanawa kutiwa ngu " Sikwi-kwikwi " itengise nge £450 e Kapa.

ELUSUTU nonyakanje ukudla ngati akusokuba kuninzi kakulu inkoliso yabantu ilime sekusemva kakulu.

IZULU lalonyaka liya kuba bukali, Nge Cawa ukupuma kwenkonzo nezikolo zase mva kwedinala emva kobushushu obukulu lihlome ngokukaula macalana onke kwawa isipango esikulu esinendudumo nemibane ebukali emke no Zweni Ncapai kwa Macheba Eze'eni, u Msikinyi lamqokula pantsi kodwa wabuya wawuka, nakuba enzakele kubeteka ngentloko pantsi.

ISIDUMBU somfi u Mr. Irvine siyabuya pesheya siza kungcwatywa apa e Qonce. Izwi lake lokugqibela wati maze asiwe kungcwatywa pakati kwabantu ayesebenza, nayebasebenzela.

I *Mercury* iti udodana olufunda amashi- shini Emtwaku lumke lonke ngenxa yokudinwa zinkobe zombona.

E KUBUSI kuko inkwenkwana ebulewe ngu mashini wokuvuna. Iwe pantsi kwake yakwela entloko ivili.

U MR. CERR wase Tyolomnqa ute esabhu- la ngomashini yatyiwa nqaku tyum ingalo yake ngulowo mashini.

IMANTYI enkulu u Mr. Stanford ube nentlanganiso no Nkosi Makaula ebachazela imvumelano eyenziwe nama Mpondo. Inkosi leyo u Makaula ite basa yililela impahla yabo ese Mampondweni mabatutuzelwe ngu Rulumente ngokunikwa i Rode. U Dikwayo ute bona babengawoyiki Amampondo banqandwa ngala madoda andevu zinde.

U MR. DANIELS wayelunywe yingonyama; esiya e Delagoa Bay yemka nenxenywe yomlenze unyangwe wapila.

U MR. SCHENX okutiwa likendle elikulu nengcibi yecuba ngoku ucela ifama ku Rulumente apo azukulima kona intlobontlobo zamacuba.

LOMZI uli Monti ubusela kakubi utywala Abanye abantu baubalekile beza apa o Qonce babaleka utywala base Monti.

IHASHE ebekikwelve yinkwenkwana eminyaka ilishumi linamibini ka Coetzee wase Pretoria litukile layiwiwa, unyawa lwaba-mbeka pezulu labaleka ihashe latsiba ubu- hlanti laku canda edamini nayo. Litelibanjwa kwaye sekukade yaqaukayo ityumke intloko nembambo. Abazali mabayeke ukufeketisa ngama hashe zizilo noko akwelwayo nje.

U THOMAS BOAR ugqwetyelwe yimantyi yase Kapa ukuba arole ishumi lesheleni ati engenalohlale iveki yonke entolongweni ngenxa yokusebenzisa ihashe eline silonda.

IMALI inokutunyelwa ngamapepa e Posi ngoku nangumntu okwelama Betsuwana e Vryburg, Mafeking nase Taunga.

Uviwo luka Rulumente e School Elementary Examination luqala ngomhla we 24 March; ize i School Higher Examination iqale ngomhla we 28 March kule nyanga izayo. Lixesha ngoku lokutunyelwa kwama gama abafuna ukungena kwezo mviwo zombini, emva komhla we 15 February lo singene kuye akusokwamkelwe gama.

LISATETWA ityala e Tekwini labe Lungu aba 14 abaqekezisa indlu yamadindala bengxamele umntu onmyama owaye pakati owaye dlwengule Umlungukazi.

NGALE veki igqitileyo bekuko ugqatso lwama hashe e Zolo kwesika Maduna. Imbhaleki ezidumileyo ebeziko yinco ka Dliso, nelika Mshikwane, nelika Jaca, namanye. Ashiywe onke leluka Major N. Momo ihashe ebelingaziwa ukuba liyabaleka, lazihlaza imbaleki.

AMANGESI luhlanga oluyitanda kakulu impahla efuyiweyo, kude kubeko nehla endlweni nabantu emini nasebusuku. Kuhle ingozi e Indiya ngolo lutando. Kushiye usana olunyangana ntandatu lulele ekukweni kuko itole lenkomo pakati endlwini Lite itole lakubona ingalwana ivelile layitya, wati ebuya umnikazindlu wafika selitye lakuma engqwinbeni. Noko alutabatanga xesha lide ukupila.

EMDENI kuhlatywe inkwenkwe yom Xesi-be yinkomo yom Mpondo kwahlulwa nge nkomo yanye, ayala Amaxesibe ati afuna amashumi amabini enkomo. Aye kumangala kwi Mantyi yayo u Lili (Mr. W. Power Leary) owagxote ngelithi inkomo enye yane- le. Apuma sele qumbe ayakuxoba imipu afunza kumzi walowo Mpondo ati makarole 20 enkomo wona akateni no Lili.

SIYAMKELE ngombulelo ingxelo yomnya- ka ogqitileyo ye Sennari yase Mtwak.

UMBHALELI we *Kokstad Advertiser* uti ezi zipango zigqitileyo zibhubhise eFree State ngangokuba lite elinye i Bhulu lakuya emasimini lagoduka seli zekene ngumsindlo lapu- ma nompu lizakudubula u Tixo. Kwalene nokuba sipume isikoti labetwa ngumbane. Lisive kungcwatywa xa balishiyayo ingcwaba, wapinda wabeta umbane lavuleka ingcwaba sapumela ngapandle Isidambu Babuye bawungcwaba lapinda izulu laukupa- Lite lakuwukupa okwesitatu bawuncama. Lapinda laubeta seungapandle kwasa utiywa ngama xalanga. Lento ngati yintsomi.

U ADONIS ZIKITI unikwe ihyanxa entolongweni yi Mantyi yase Bhayi ngenxa yoka tyapaza u Jonas Bacela behlutana ngentonga bexabene.

AMAWESILE ase Dayimani anyule o Mr. J-G. Kosani no Mr. A. Cindi ukuya kwi Conference. U Rev. S. Mvambo kutiwa maka- bekwe izandla yile Conference.

E BOSHOF (Free State) umbane ungene nge kostini ye kishi wabulala amakwenkwana amabini, abanye babuye baqabuka.

U JANTYI udliwe iponti ezimbini ngamatyala ase Dodoloro ngenxa yoku giwula umngqayi pambi kwe nkosi yake u Turvey Bradfield ayitetele kakubi.

U RULUMENTE ukupe isaziso sokuba ngoku akuko mntu uvunyelweyo ukwenza atengise i Hop.bhiya ne Jinji-bhiya ngapandle kokuba abene pepa (Licence) lemva.

U P. DE WET owadubula u Damane ulindiselle i Jaji yi Mantyi yakwa Komani ngetyala lokubulala ngengozi

UMNTU obe nengqakaa e Alvani upilile.

I JAJI iyakujikeleza ngoluhlobo e Kaladokwe 3 March. E Somerseti 7 March. E Qonce 14 March. E Monti 19 March. E Komani 22 March. E Dododoloro 29 March. E Alvani 1 April. E Bekesdorp 4 April; E Kolsbelere 7 April. E Rafa 14 April. E Tinara 19 April. E Bhayi 21 April.

U MATOLOSHE oseleneminyaka emitatu azimelayo ezikepeni zama Bhulu pesheya ubhaqwe yinkosana yenqanawa ebifika seleyantaza elunxwemeni engasazi ukuba woza abanjwe. Bemka naye, ushiye umfazi nomntwana e Kapa kuba waye sele shweshile.

NGOLWESI-TATU FEB. 2, 1887.

Umzi opesheya

kwe Nciba Namayeza KUKO usizi olunga-

wonwabisinga umzi opesheya kwe Nciba. Lupatelele ekupatweni kwabafayo. Imbangi yalo ayicacile kuba u Captain BLYTH uwezile umgudu wokuba kude kubeko i Hospital e Gcuwa; u Rulumente ulifakile elake igxalaba kuba ekupa amakulu atile ukondla igqira; kanti ke noko bambalwa abantu abance-

dekayo. Kwingxowa yabantu eyami-swa nge 1882, eti indoda ifake 2/6 kuyo ngonyaka, kurolwa £300 ukuxhasa igqira, u Rulumente urola £320, kodwa siva ukuba bakolisa ngokuba lishumi linabantu babini abantu ababa kwi Hospital ngonyaka. Kanti umntu ongapandle oze kucela iyeza maka buye arole imali njengokungati abantu abananto bayingolayo kwingxowa yabo.

LIXESHA lomcimbi usingetwe ngaba pete ingxowa yama Mfengu ekurolwa kuyo imali yokuxhasa igqira; no Rulumente makayisabele lento kuba naye unemali ayirolayo Ngenxa yendawo yokusweleka kancedo lwamayeza bayaqala abantu babuyela kumagqira akolwa kwinkohliso yokuqubula. Lento ke iyakuwubuyisela emva umzi malungana nento zokukanya.

NGEMINI zika Sir GEORGE GREY bekwanele ukuba lento ikankanywe kube sekumiswa i Hospital yezizwe ezipesheya kwe Nciba enjengale ise Qonce.

INTO ebonakalayo kukuba lemali icandwe pakati enye iye ku gqira njengoko kunjalo, enye iye kwi *Ngxowa yamayeza Abantsundu* ize lengxowa ixhase igqira lokunceda amahlwepu limiselwe inani elingasayi kubandezela abapantsi.

OKWANGOKU sibulela Abafundisi nabagcini bevenkile ngokuwunceda umzi ngenicizana ezintloko. Amamene ajengco Mr. COOK no G. B. LENNON & Co. no Mr. J. SHAW no Mr. KULLING awunceda kunene umzi ngezaziso zawo kwelipepa; kodwa into efunekayo yindlu yokuwukaulezela umzi eyakuba pakati kwawo.

Impawana.

Like lashushu kunene ngeveki edluleleyo. Lite kodwa ekuzeni kupela kwayo lanamatonsana—esiva ukuba waka wati omnye umntwana zinyembezi zika Tixo.

Um'bhaleli ose Ngqushwa obhala ngo 15 Jan., uti “ kuko intokazi tina kweli ezibulele izolo elinye ngakwa Ngwekazi, ngokusuke yendiselwe kumntu engamfu- niyo.” Le yenye into ebonisa ukuba lento inkomo iyatandlwa ngamawetu: ingafa nenzwakazi ngenxa yobuhlungu bentlizyo akukataleki oko ingene ebu- hlanti inkomo. Senga bagacananatya pambi kwamatyala ababantu bendisa ngoluhlobo.

Sifumene lenchwadi:—“ Kwesi sitili sase Komani imibiko esiyivayo nesiyibonayo bubusela bama Bhulu amatatu, elinye libe igusha zelinye, elinye libe ibokwe zantatu zomntu otile, elinye libe igusha zomntu omnyama. Into embi kunene mfondini! Andazi nokuba angabantu abamnyama na ngoku, njengokuba esiba nje, kawundixelele naye Editor? Ndikuxcelela indwaba kodwa lento ezindizayo nendizibonayo kwesi sitili. Eli libe ibokwe ezintatu sisinonopu sama Bhulu esi sitili.” Ubusela bamahashi bukula *kanye* ngoku akaziwa apo atengiswa kona, nakugcina ezifameni nasezitalini.

Ngesisituba ike *Imvo* ayapuma ngosu- ku lwayo, neke ayabonakala ngenye iveki, siqondile ukuba yinto iyanqanqa- tekelwa kanti. Kute kwakwaziiswe pofu ukuba ipapa alisakupuma ngosuku lwalo, suka ayabinto incwadi—nezocingo, yagi- lana impi emhlope nentsundu kule ofisi ukuza kuva nge *Mvo*. Inenekazi elintsundu lisibhalela amazwi ekucacileyo ukuba alululo lwento eninzi yabaxhasi be *Mvo*, liti: “Ndaviyfunda *Imvo* ngovuyo oluluku kuba ezintsuku ibingafiki bekusuke kwangati kubo inkungu kuwo wonke umhlaba, bekusuke kwamnyama kanye.”

Umpanga ka Mr. Irvine wamkelwe ngosizi oluluku yinto eninzi yamawetu. Omnye wenze lamanqaku ngaye :— Kowu ! Seva ngokufa ku ka Mr. Irvine, ekute kwaba buhlungu wakulu entliziyweni kuba ube ngumhlobo wabantsundu endaziyo ukuba aliyi kulibaleka igama lake kuti bamnyama.”

Asikeva bani kumawetu nakwabamhlope ngapandle ko Sir J. G. Sprigg no Mhleli wepepa lama Bhulu lase Kapu oyitakazelayo inteto ka Rev. P. J. Mzi- mba yokuba ontsundu makapeze ukuzibuzela kwinto ezipatelele kwimpato ka Rulumente. Osasibhaleleyo uvakalisa umoya woninzi, uti: “Ndalusizi kakulu (utsho) ngeniteto ka Rev. Mr. Mzimba, esitembayo ukuba wobuye ayilungise. Sesijonge kuni baqubi bohlanga ukuba izinto ezingaqondakaliyo nizilwe njengoko senilwe noyisa kwezinye izinto.”

Kwalo m'bhalu uti eteta ngomcimbi wokwenziwa kwencwadana Zesixhosa :—“ Xelela amawetu lawo ukuba siyayitakazela indawo yencwadana Zesixhosa ekutetwa ngazo epepeni. Singavuya kakulu kuko incwadi ezibhalwe nini Bantsundu: Ewe, kuyinyaniso ukuba inkohliso yetu ayikatali kukulesa; kodwa kumiw e na kungenziwa malinga okuhambela pambili ngenxa yabangakataliyo na? Kakade abati funqu kunye bonke abantu ukwenza into, kuti mhlambi kuqale babe mbalwa kanti yonke impi iyakungena ekupeleni. Hambelani pambili noko ngati akuqondeki, koda kubonakale kamva.”

Mavelana nalomcimbi wencwadana Zesixhosa simi apa tina: abakabiko abantu abangazilesayo; kwaye ukushicile-

lwa kwazo kufuna imali, yovela pina ke indleko yokushicilela xa bangekoyo nje abantu abangazitengayo? Umzi usoyiswa kuxhasa amapepa Esixhosa anayo yonke into enokunqwenelewa ngumntu. Mauqale ubonakalise ngokuxhasa lento seliko. Incwadi zinzima kumapepa endaba. Lento itetelelwayo bona- kala kuti ingahlukile kweyokumtabata umntwana ko A B C umfáke kwi klasi ye *Differential Calculus* ne *Conic Sections*.

Xa babese Bhayi besela.
Udonga ludi-
likile e Bhayi. Kute ngenxa yokwanda kwabantu abahlala bebuhedchede benxilele beshwantswata ukuteta pofu besaziwa mhlope ukuba ababutati wada uMr. Thomas, Umhloki wakomkulu wendywala ohlala e Bhayi, wacla igunya e Kapu ukuba atenge ibotile ezimbalwa ze hop- biya azituneele e Kapu zivavanywe Iigqira lakomkulu. Eyimkiwe kwivume litu- mele abantu bakuyitenga kwizindlu ezi- ne. zatywinwa zone ezobotile zatunyelwa e Kapu. Ingxelo ye Gqira lakomkulu ifike isiti zone ezobotile zintotyala ubu- namandla ngeapezu kobuvunyelweyo ngu- mteto nakubenzi botywala. Ngokuko- dwa ibotile ezimbini. Buhluziwe obo- tywala bagalelwa kwibotilana ezizodwa. Igqira liyaveze ukuba bamangalelwe abo bantu benza lo hop-biya. Umntu udlwiwa ikulu leponiti (£100) ngokwapula umteto wotywala.

ABALIMI NA BARWEBI.

E MARKENI.
E QONCE (Feb. 1).
Umbona, 1/7 ngekulu
Amazimba, 3/4 ngenxowa
Irasi, 1/3 ngekulu
Inkuni, 8/ to 29/6 ngefllara
Ihabile, 1/ to 1/7 ngekulu
Itapile, 1/ to 4/6 ngenxowa
E KOMANI (Jan. 29).
Inkuni, 11/ to 25/ ngefllara
Umbona, 4/ ngenxowa
Amazimba, 4/ ngenxowa, akatengisa Itapile, 5/6 to 6/ ngenxowa
Ihabile, 2/ to 2/6 ngekulu
E TINARA (Jan. 27).
Irasi, 2/3 to 2/6 ngekulu Ihabile, 1/6 to 2/6 ngekulu
Amazimba, 7/ to 7/6 ngekulu
Umgubo, 6/ to 7/6 ngekulu
Umbona, 4/6 to 5/ ngenxowa
Itapile, 4/6 to 5/ ngekulu
E RINI (Jan. 31).
Irasi, 2/11 to 3/6 ngenxowa Imbotyi, 2/ to 10/6 ngekulu Amazimba, 9/3 to 10/ ngenxowa Umgubo, 8/ to 17/ ngenxowa Umbona, 4/6 to 5/ ngenxowa Itapile, 2/ to 3/ ngekula
Inkuni, 14/ to 34/ ngefllara
E KALADOKWE (Jan 28).
Irasi, 4/6 ngenxowa
Amazimba, 7/ ngenxowa Umgubo, 9/6 to 12/ ngenxowa Umbona, 6/9 to 7/6 ngenxowa
Ihabile, 3/6 to 5/ ngekulu Itapile, 4/6 to 7/6 ngekulu
Ingqolowa, 7/6 to 9/ ngenxowa

Ezababhaleli.

ISINCOKO SASE BHAYI.

MHLELI-Nguwona mbulelo wakona lo wokuti epepeni obulicela uti wakulifumana endaweni yokuteta ngombulelo uti liyanuka icuba. Wayenyanisile u *Sigidimi* ukuti uti wakuncedwa uti endaweni yokubuleLubede idlaba. Wakolisa nowakupa ibhulukwana onomsila owati endaweni yokubulela wati usile-----*Mvo* kunjani usoncata ubiya ngongana ukufu- mene ngo Nomaduwane-----Mhleli isa- ziso sako siyarorera ngaso kuba upumlo ubunokulwenza njengamanye amapepa kufutshane, imali nonyaka iyakuba 11s 9d ngokupumla kwako. 3. Utinina *Mvo* malunga nenene elalobola amatokazi awenye indoda ebesebenzela wonana. Kupela yimani ngenyela zombini makube ede wakula nje ebesebenzela ntonina umfana ebengazina ukuba ekula nje ku- yafuneka umlingani ade azaliseke amazwi abadala abati gcinani imali ningayabhati yonke elokuqamla kutiwa isalakyetlwa sobona ngolopu njengxhila emihleni ekungaseko ziluleko, make ndiyeke apo okwanamhla. 3. Utinina ngo Miss Mvubu no Miss Bovana ngxatshoke J., kokona amadodana opumla ngokunobom kwesimiso akno angenakuzilumla ukupika nezintyantyambo ehamba esenza amadinga kuzo.

Native Opinion

WEDNESDAY, FEBRUARY 2, 1887.

MR. MZIMBA’S ad-vice to natives

to let politics alone, con- tinues to be the all-absorbing theme with the colonial press. In con- nection with this subject we beg to call special attention to observations appearing elsewhere from the graphic and instructive pen of the Rev. ELIJAH MAKIWANE, whose influence among his people is by no means surpassed by that of the Rev. PAMBANI J. MZIMBA. The calmness and moderation with which Mr. , MAKIWANE states the case cannot but be acceptable both to those who now accept Mr. MZIMBA as prophet and to others who dissent from his views. Hidebound as we are by the exigencies of space in this journal we cannot to-day go into a dis- cussion of the subject as it now

pleasure in presenting to our readers Mr. MAKI WANE’S commentary on the opinions of his brother minister.

Editorial Notes.

A CORRESPONDENT of a local contemporary of “ land and loot ” notoriety in Pondoland reports peaceful and satisfactory relations between the Pondos, the Bacas, and the Xesibes. We are glad to hear this, and more so as publicity is given to it in the *Watchman*. Sir Gordon Sprigg communicated similar information, no doubt from official sources, to the deputation from the Native Educational Association at Grahamstown. This, we need scarcely point out, was the consummation for which we devoutly wished, and for which we laboured during the late Pondo scare when we pressed for the settlement of the land disputes, while others discerned the panacea in crushing the Pondos. ’

WHAT might really have ended in a Church scandal in the Diocese of St. John’s, under the Right Rev. Dr. Key, has, we are thankful to observe, been amicably settled. At death the late Archdeacon Button expressed a wish that the Rev. J. Oxley Oxland may be appointed to succeed him, whether as incumbent only or as Archdeacon of Kok- stadt, or both, is not clear. Serious diversity of opinion has, at all events, existed on this point at Umzimkulu. The Archdeaconry was, however, conferred on the Rev. Canon Gibson, MA., of St. Cuthbert’s, Ncolosi; the incumbency of Clydesdale therefore became his by right. Much difficulty and unpleasantness, caused by the admirers of the late Archdeacon, were the result. By the sagacity of Bishop Key, and also selfdenial on the part of the Venerable Archdeacon Gibson, the threatened scandal has been averted, and churchmen in the district are satisfied in consequence of the permanent appointment of the Rev. J. Oxley Oxland as incumbent of Clydesdale.

MR. GEORGE BLAINE has been made a catspaw by some monkey envious of the credit given to the guiding genius in Barkly West for successful advocacy of the Pondo cause. He has been put up to introduce to the public a translation of a letter which, in exercising our discretion, we did not deem it necessary to render into English; and in carrying out the task he has chosen the *Watchman*, and the East London *Dispatch*, to publish the translation. Now, there is nothing of which our Editor can be ashamed in the effusions of his countryman, for which he is no more responsible than Mr. Blaine himself. But, talking of Mr. Blaine, reminds us of a paragraph which we saw in the *Mercury* a little while ago to the effect that he was suffering from some disease called by a Latin name. We read afterwards with pleasure that the disease had left him. *This* evidently was the disease.

